


# Z I B E T H O

Isifundo 4 sowama26  
kweyeKhala (Julayi) 2025



“Yaba luhuni ke intliziyo  
kaFaro, akabandulula oonyana  
bakaSirayeli, njengoko watshoyo  
uYehova”

Eksodus 9:35



UThixo wayalela abantu baKhe ukuba baqale ngokumemeza uxolo xa besiya emfazweni. Ukuba akubangakho sivumelwano soxolo, bangawuhlasela umzi (Deut. 20:10-12).

Le yindlela uThixo awaqubisana ngayo neYiphutha. Waqala ngesisombululo soxolo, kodwa uThutmose wakhaba ngawo omane. Kwafika ilixa lokuba ahlacele.

Ukuwa kwezibetho, akuzange kubekho nasinye isithixo kwitempile yezithixo ebanzi yaseYiphutha esaba namandla okubakhusela kumandla kaThixo wenyaniso.



### Ingabulazigcawu:

- ➡ Umlo weenyoka (Exodus 7:8-12)
- ➡ Intliziyo eyenziwe lukhuni (Exodus 7:13)

### Izibetho:

- ➡ Izibetho ezilula ezithathu (Exodus 7:14-8:19)
- ➡ Izibetho eziyingozi ezithathu (Exodus 8:20-9:12)
- ➡ Izibethu ezitshabalalisayo ezithathu (Exodus 9:13-10:29)



Ingabulazigcawu



# UMLO WEE NYOKA

"Elowo waphosa phantsi intonga yakhe, yaba yinyoka; yasuka intonga ka-Aron yaziginya iintonga zabo." (Exodus 7:12)

UThixo ukuchaza ukuhlangulwa kukaSirayeli njengemfazwe awayilwa noothixo bonke baseYiphutha. (Eks. 12:12; Num. 33:4).

Kwisitshaba sikaFaro, njengophawu lwamandla akhe, kwakukho iphimpi elihle nelalimele uthixokazi uWadjet.



Ngokujika intonga ibe yinyoka, , uThixo wayengqale ngqo kulo thixokazi (Eks. 7:10). Ingaba wakwazi ukumkhusela uFaro?

USathana wasebenzisa abakhafuli ukulinganisa le mimangaliso (Exod. 7:11). Kodwa akakwazi ukudala ubomi; ezakhe iinyoka zazikhangeleka njengeenyoka. Nangona kunjalo, uThixo wayedala inyoka ephilayo, nemandalu okuzibimbiliza ezingaphiliyo. (Eks. 7:12).

Ngaloo ndlela, uThixo wabonisa ukuba nguYe onamandla awongamileyo negunya, hayi oothixo baseYiphutha.

# INTLIZIYO EYENZIWE LUKHUNI

"Yaba lukhuni intliziy kaFaro; akabaphulaphula, njengoko wayetshilo uYehova." (Exodus 7:13)



Kwincwadi ye-Eksodus, zizihlandlo zilithoba uThixo esenza lukhuni intliziy kaFaro (Eks. 4:21; 7:3; 9:12; 10:1; 10:20; 10:27; 11:10; 14:4; 14:8), ukanti ezinye ezilithoba kuthiwa nguFaro buqu owayenza lukhuni intliziy yakhe (Eks. 7:13; 7:14; 7:22; 8:15; 8:19; 8:32; 9:7; 9:34; 9:35). Zintanganye! Ngubani owayenza lukhuni intliziy kaFaro?

Emveni kwezibetho ezihlanu zokuqala, ibekwe yacaca ukuba uFaro wayenza lukhuni intliziy yakhe. Oko kukuthi, wakhaba ngawo omane ukusabela kakuhle kubizo loMoya oyiNgcwele lokuyeka uSirayeli ahambe.




Emveni kwesibetho sesithandathu, nguThixo oyenza lukhuni intliziy kaFaro (Eks. 9:12). UFaro wayesele edlulile kumda wenguuko. Nangona kunjalo, kwisibetho sesixhenxe, walnikwa elinye ithuba, kodwa waphinda wayenza lukhuni intliziy yakhe (Exod. 9:34-35 ).

Ukususela apho, ikamva lakhe lalitywiniwe. UThixo wayenza lukhuni intliziy kaFaro, kuba uFaro wayezinzile kwisigqibo sokungaguuki.



“Kuko konke ukwaliwa kokukhanya, iNkosi yabonakalisa amandla ayo aphawuleka ngakumbi; kodwa ubuntamolukhuni bokumkani banda ngabo bonke ubungqina obutsha bamandla nobungangamsha boThixo wezulu, lwada lwaqotywa utolo lokugqibela lwenceba kumphongolo wobuthixo. Emva koko, lendoda yaqiniswa ngokupheleleyo kukuxhathisa kwayo okuzingisayo. UFaro wahlwayela ubuntamolukhuni, waza wavuna isivuno esifanayo kwisimo sakhe. INkosi yayingenakwenza nto ngakumbi ukumeyisela, kuba wayevalelwe bubuntamolukhuni kunye nekhethe, apho uMoya oyiNgcwele wawungenako ukufikelela entliziyweni yakhe. UFaro wanikelwa kuko ukungakholwa nobulukhuni bentliziyo yakhe.”

# IZIBETHO



# ISIBETHO SOKUQALA (EZILULA): IGAZI

"Utsho uYehova ukuthi, Uya kwazi ngale nto ke ukuba ndinguYehova. Yabon, ndiya kubetha ngentonga esesandleni sam emanzini omlambo, aguqulwe abe ligazi." (Eksodus 7:17)



UHapi,  
uthixo  
weNayile

Eksodus 7:14-25

Inayile, nezikukhula zayo, yayinika ubomi eYiphutha. Kodwa ngubani odale imithombo yamanzi? Izazi zakulinganisa ukuguqulwa kwamanzi, kodwa azange zikwazi ukuwabuyisela kwisimo sesiqhelo.



# ISIBETHO SESIBINI (EZILULA): AMASELE

"Wathi uYehova kuMoses, Yithi kuAron, Yolula isandla sakho eso sonentonga yakho phezu kwemilambo, naphezu kwemijelo, naphezu kwamachibi, unyuse amasele phezu kwelizwe laseYiphutha." (Eksodus 8:5)



UHeqet,  
uthixo  
wamasele

Eksodus 8:1-15

Kwakhona, abakhafuli  
basinganisa isibetho, kodwa  
basilela ukusithintela.



# ISIBETHO SESITHATHU (EZILULA): IINGCONGCONI

"Wathi uehova kuMoses, Yithi kuAron, Yolula intonga yakho, ulubethe uthuli lwelizwe lube ziingcongconi ezweni lonke laseYiphutha." (Eksodus 8:16)



UGeb,  
uthixo  
womhlaba

Eksodus 8:16-19

Ukudala ubomi ngothuli lomhlaba (Gen. 1:24)? Kwakungasekho kuthandabuza ukuba izibetho zisukela phi: "Ngumnwe kaThixo" (Ex . 8:19). Ekugqibeleni, zavalwa umlomo izazi.



# ISIBETHO SESINE (ESIQATHA): IZIBAWU

“Wenjenjalo uYehova. Kweza izibawu ezininzi endlwini kaFaro, nasezindlwini zabakhonzi bakhe, nasezweni lonke laseYiphutha; lonakala ilizwe zizibawu.” (Eksodus 8:24)



U-Uatchi,  
uthixokazi  
wezibawu

Eksodus 8:20-32.

Okokuqala, uSirayeli wakhuseleka kwizibetho. Oku kwakhokelela ekubeni uFaro aqalise ukuthethathethana, kodwa wasilela ukuzigcina izithembiso zakhe.

# ISIBETHO SESIHLANU (ESIQATHA): UKUFA KWEMFUYO

"yabona, isandla sikaYehova soba semfuyweni yakho esendle, emahasheni, emaesilene,  
ezinkameleni, ezinkomeni nasempahleni emfutshane, senze indyikityha yokufa enzima kunene."

(Eksodus 9:3)



Eksodus 9:1-7.

Oothixo abaninzi babeneentloko  
zezilwanyana, esi sibetho  
sabahlazisa phantse bonke.

# ISIBETHO SESITHANDATHU (ESIQATHA): AMATHUMBA

"Baluthabatha ke uthuthu lweziko, bema phambi koFaro; uMoses waluphosa phezulu esibhakabhakeni, lwaba ngamathumba athe qwele ngamaqhakuva ebantwini nasezinkomeni" (Eksodus 9:10)



USekhmet,  
uthixokazi  
wezonyango

Eksodus 9: 8-12 .


Nkqu nezazi azange zikwazi ukuzinyanga (Eksod. 9:11). UFaro zange athandabuze ukuba zisuka phi izibetho. Kodwa wakhetha ukwala ukuqubuda kuThixo, waza uThixo wamvumela avune iziqhamo zovukelo lwakhe (Eksod. 9:12).

# ISIBETHO SESIXHENXE (EZIPHANZISAYO): ISICHOTho

"Yabona, eli xa ngomso ndiya kunisa isichoTho esinzima kunene ekungazange kubekho singangaso eYiphutha, kususela kwimini eyasekwayo kude kube ngoku" (Eksodus 9:18)




UNut,  
uthixokazi  
wesibhakab  
haka



USeth,  
uthixo  
woqhwithel  
o

Eksodus 9:13-35.

Lwaluvavanywa uholo  
lwama Yiphutha. Abo  
bakholwayo ku Yehova  
basindisa ubumo  
babakhonzi babo  
nobemfuyo yabo (Eks.  
9:20). Yena u Faro  
akazange akholwe,  
kwaye nakuben  
wazivumayo izono zakhe,  
wayenganyanisekanga  
(Eks. 9:27-30).



# ISIBETHO SESIBHOZO (EZIPHANZISAYO): IINKUMBI

“Okanye ukuba uthe akwavuma ukubandulula abantu bam, uyabona, ngomso ndozisa iinkumbi emideni yakho” (Eksodus 10:4)



UNeper,  
uthixo  
wengqolowa


Eksodus 10:1-20.

Njengoko iYiphutha  
yayitshatyalaliswa,  
amaYiphutha ngokunokwawo,  
ambongoza uFaro andulule  
amaSirayeli (Eks. 10:7).



# ISIBETHO SETHOBA (EZIPHANZISAYO): UBUMNYAMA

"Wathi uYehova kuMoses, Yolulela isandla sakho ezulwini; kwabakho ubumnyama ibusisithokothoko ezweni lonke laseYiphutha imihla emithathu." (Eksodus 10:21)



URa, uthixo  
welanga

Eksodus 10:21.

Ubomi bema ngxi eYiphutha  
imihla emithathu (ngaphandle  
kwaseGoshen). UThixo wabanika  
ixesha lokucamngca, nawathi  
uFaro wasilela ukulisebenzisa  
kakuhle.



“Ngaphambi kokufika kwesibetho ngasinye, uMoses wayemele achaze uhlobo Iwaso nemiphumo yaso, ukuze ukumkani azisindise kuso ukuba uyathanda. Sonke isohlwayo esaliwayo sasiya kulandelwa sesinye esiqatha, de intliziyo yakhe enekratshi ithobeke, ivume uMenzi wezulu nomhlaba njengoThixo oyinyaniso nophilayo. INkosi yayiza kunika amaYiputa ithuba lokubona ubulumko bamadoda awo anamandla, indlela abuthathaka ngayo amandla oothixo bawo, xa echasene nemithetho kaYehova. Wayeza kubohlwaya abantu baseYiputa ngenxa yokunqula kwabo izithixo aze avale umlomo ngokuqhaya ngeentsikelelo ababezifumana koothixo babo abangenangqiyo. UThixo wayeya kulizukisa igama laKhe, ukuze ezinye iintlanga zive ngamandla akhe zize zingcangcazele ngenxa yezenzo zaKhe zamandla, nokuze abantu baKhe bakhohliselwe ekubeni balushiye unqulo lwabo Iwezithixo baze banikele kuye unqulo olunyulu.”